


# Ikota yesi-2

Ibanga R



Khuthazeka! Nithathe **iTIME** nonwabele ukufunda kunye.

## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Ibali lomfanekiso omkhulu (Emarikeni)


Jongani umfanekiso omkhulu ngenyameko uze ucele umntwana wakho akuxelele akubonayo. Emva koko buza le mibuzo:

- ★ Benza ntoni abantu abasemfanekisweni? (Thetha ngomntu ngamnye emfanekisweni.)
- ★ Kutheni umfazi ephakamise iindlulamthi?
- ★ Ikhombe phi intombazana? Yenza ntoniinja?
- ★ Zingaphi iibhaloni/iikhayithi/iingxowa zeeapile okanye amacephe owabonayo?
- ★ Ingaba kukho iintaka ezininzi okanye ezimbalwa kuneebhaloni/iindlovu/iindlulamthi?
- ★ Mangaphi amalaphu ajinga ecingweni? Zingaphi ezinye izinto ozibonayo ezingantathu?
- ★ Libhalwe phi inani u-3?




## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- ★ Cela umntwana wakho ukuba enze ngathi uza kuthengisa izinto emarikeni. Angathanda ukuthengisa ntoni kweyakhe itafile? Mkhuthaze ukuba azobe imifanekiso yezinto aza kuzithengisa aze afakele iileyibheli kwinto nganye esetafileni. Ungambhalela iileyibheli.
- ★ Cela amanye amalungu osapho okanye abahlobo ukuba benze ngathi bazokuthenga kwitafile esemarikeni.




## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- ★ Jonga umfanekiso omkhulu kwakhona uze ukhetho into ongathanda ukuyithenga emarikeni.
- ★ Dlalani umdlalo othi: "Ndiye emarikeni", umzekelo: *Ndiye emarikeni ndaza ndathenga ibhaloni. Umntu olandelayo uthi: Ndiye emarikeni ndaza ndathenga ibhaloni neorenji.*
- ★ Nikanani ithuba lokuchaza ukuba nithenge ntoni emarikeni, kodwa kwixesha ngalinye, yongeza enye into ofuna ukuyithenga. Injongo yakho kukukhumbula zonke izinto ozithengileyo ngokulandelelana kwazo.




## Usuku lwesi-4 Imidlalo

- ★ Dlalani umdlalo othi *Ukuya emarikeni*. Jongani umdlalo nize nilandele imiyalelo.
- ★ Ukuba aninalo idayisi, ningazenzela nisebenzisa ithempleyithi yedayisi iyinikiweyo.



## Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani

- ★ Jongani ithempleyithi zamanani. Nikanani amathuba okubumba amanani ngeminwe yenu emgangathweni, emoyeni, ezandleni zenu, kwimiqolo yenu, edongeni okanye kwisiqo somthi. Ungakwazi ukubumba inani ngozwane lwakho?
- ★ Yenzani lo msebenzi kwithempleyithi yenani.



## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye. (Ukurekhodishwa kwemisebenzi kwenziwa kwiphepha lokugqibela lale pekhi yemisebenzi.)



## Yonke imihla, khumbula:

- ★ Hambahamba ubale ngokuvakalayo ukuya kutsho kwisi-5 okanye ubale izinto ezi-5 ozibonayo, umzekelo: iipali zombane ezi-5 okanye iikati ezi-5.
- ★ Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- ★ Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba komntwana wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Wenze kakuhle! Uyifumene. OKANYE Ndiyazingca ngawe!*







**Umdlalo othi, Ukuya emarikeni:** Nika umdlali ngamnye into yokubala, umzekelo: isiciko sebhotele okanye ingqalutyana. Abadlali banikana ithuba lokuphosa idayisi nokuhambisa into yokubhala ngokwenani leebhloko eliboniswa lidayisi ukuya kwibhaskithi egcweleyo. Ophumeleleyo umelwe kukuba aphose inani elililo ukuze afike kwibhloko yokugqibela. Ukuba umdlali kufuneka ephose kuvele isi-3 ukuze afike kwibhloko yokugqibela kodwa aphose kuvele isi-5 kwidayisi, kufuneka ahambise into yokubala kwibhloko ezi-3 ukuya phambile aze aphinde abuye umva ngeebhloko ezi-2. Umdlali ophose kwaveta inani elililo kwidayisi waze wafika kwibhloko yokugqibela, nguye ophumeleleyo.




## Qalisa



## Isiphelo



**Indlela yokwenza idayisi:** Lincamathisele idayisi kwisiqwengana sekhadibhodi, esifana nesebhokisi yesiriyeli. Sika iphepha ekupheleni komzobo wedayisi. Uze ungazisiki iindawo ezingwevu. Songa kuzo zonke iindawo ezinomgca omnyama wedayisi, amachokoza uwagcine engaphandle. Lenze idayisi lakheke okwetyhubhu. Songa iindawo ezingwevu uzincamathisele emacaleni ukuze zidibanise idayisi. Liphose ze nidlale!



**Iithempleyithi zamanani:** Nika umntwana wakho iikhrayoni eziyimibalabala uze umcele ukuba azobe iinkwenkwezi agcwalise umphakathi wethempleyithi yenani elingu-2 ngeenjongo zokuyihombisa.

Cela umntwana wakho ukuba akrazule iphephandaba, iimagazini okanye iphepha lokuyila libe ziziqwengana aze alishwabanise libe ziibhola ezincinane.

Iibhola banokuzincamathisela phakathi kwithempleyithi yenani elingu-3 ngeenjongo yokulihombisa. Zibeke ke ngoku iithempleyithi zamanani kwindawo apho wonke umntu aza kukwazi ukubona khona umsebenzi omhle womntwana wakho.



## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Incwadi encinci (Usapho lukaMariya)

Songani amaphepha abe ziincwadi ezincinci nomntwana wakho nibuke imifanekiso kunye. Nantsi eminye yemibuzo onokuyibuza phambi kokufunda iincwadi ezincinci:

- ★ Ucinga ukuba eli bali lingantoni?
- ★ Ungakwazi ukubala ukuba bangaphi abantu bosapho lukaMariya?
- ★ Bangaphi abantu abahlala nawe? Ingaba bangaphezulu okanye bambalwa kunabosapho kukaMariya?
- ★ Ingaba ubhuti kaMariya mncinane okanye mdala kunaye?
- ★ Udade boMariya ingaba uthanda ukwenza ntoni?
- ★ Ingaba zikhona izilwanyana ozibonayo emifanekisweni? Zenza ntoni?



## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- ★ Khuthaza umntwana ukuba azobe umfanekiso wosapho lwakho okanye abantu ohlala nabo.
- ★ Cela umntwana akuchazele ngemifanekiso yakhe ubuze ukuba ungawabhala na amagama abantu abasemfanekisweni.
- ★ Abanye abantwana banokufuna 'ukubhala', nokuba ukubhala kwabo ngamarhoqololo.



## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- ★ Lo ngumsebenzi othi: "Qashela igama lomntu". Cinga ngomntu kusapho lwakho okanye umntu omazi kakuhle. Chaza into ngalo mntu – nika isikhokelo, kodwa ungalixeli igama lakhe.
- ★ Umntwana makaqashele ukuba ngubani lo umchazayo, umzekelo: uthanda ukudlala ibhola ekhatywayo, mde waye ucula kamnandi.
- ★ Chaza nabanye abantu.
- ★ Nika umntwana ithuba lokuba achaze umntu ukuze nawe uqashele.




## Usuku lwesi-4 Imidlalo

Jongani kunye umdlalo wealfabhethi. Jongani umdlalo nize nilandele imiyalelo.



## Yonke imihla, khumbula:

- ★ Xa niphinda nityelela usapho okanye izihlobo, xelela umntwana wakho ukuba niza kufika kukho bani nesizathu sokuba nityelele. Ukuthetha ngezinto eziseza kwenzeka yindlela elungileyo yokwakha ulwimi lwabantwana.
- ★ Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- ★ Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba emntwaneni wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Ukrelekrele! Uzenzele ngokwakho. OKANYE Uqhuba kakuhle, wenza kakuhle!*



## Usuku lwesi-5 Imilo, oonobumba namahani

- ★ Jongani iithempleyithi zoonobumba. Cela umntwana wakho ukuba azame ukukopa imilo eneentshukumo ezinkulu okanye asebenzise umzimba wakhe.
- ★ Angazoba unobumba ngomnwe wakhe okanye ngoluthi esantini. Usenokuxhumaxhuma agudle imilo ayizobileyo. Mbizele isandi sikanobumba umcele ukuba abize isandi xa ezoba unobumba.
- ★ Yenza umsebenzi kwithempleyithi kanobumba.



## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuzwa umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.



9

Ngudade wethu omncinci  
lo. Uyakuthanda ukufunda  
futhi nam ndiyakuthanda.



5

Lo, ngubhuti wam.  
Mdala kunam. UThabo  
uvuyisana naye!



4

Nanku utata wam.  
Mkhulu waye womelele.



3

Ewei Olu sana  
ngumntakwethu. Mncinane  
kakhulu. Ndiyakuthanda  
ukudlala naye.



Lusapho lwam olu. Ncumani  
nonke. UThabo uyasifota!

7

### Usapho lukaMariya

Itekisi ithatyathwe kwibali  
elikwiLittle Zebra Books



Imizobo nguMagriet Brink noLeo Daly



Ikota yesi-2 ★ Ibanga R ★ Iveki yesi-2



Igama lam nguMariya, le  
yikati yam.

1



Lo, ngumama wam.  
Uyazi ukuba ngubani lo  
usemqolo kuye?

2

CC


**Umdlalo wealfabhethi:** Ncedisa umntwana wakho asike oonobumba. Baxube uze ubaqubude etafileni. Nikanani amathuba okuthatha unobumba nimnxulumanise nomfanekiso niqala kulo nobumba ukwibhodi yealfabhethi. Ncedisa umntwana wakho akunike igama lomfanekiso nesandi ekugxilwe kuso, umzekelo: **fff** umele umfula.

Aa  i-apile	Bb  baleka	Cc  ucango	Dd  dada
Ee  i-emele	Ff  funda	Gg  igusha	Hh  ihagu
Ii  iinwele	Jj  jonga	Kk  ikati	Ll  ilokhwe
Mm  imoto	Nn  inesi	Oo  i-orenji	Pp  ipensile
Qq  iqanda	Rr  irabha	Ss  sela	Tt  itafile
Uu  umthi	Vv  ivili	Ww  iwotshi	Xx  ixoxo
Yy  iyeza	Zz  izembe	a b c d e f g h i j k l m n o p q r s t u v w x y z	

a	b	c	d
e	f	g	h
i	j	k	l
m	n	o	p
q	r	s	t
u	v	w	x
y	z		

**Itthempleyithi yoonobumba:** Nika umntwana wakho iikhrayoni ezinemibala engafaniyo umcele ukuba azobe unobumba amphindaphinde phakathi kunobumba omkhulu ukuze kuyilwe unobumba womnyama.

Angazoba izinto ezigxile kwisandi u **e-e-e**, umzekelo: isele, ihempe, ilekese, ipere, impempe.



## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Ibali elifundwa ngokuvakalayo (Isipho sikaMakhulu somhla wokuzalwa)

Fundela umntwana wakho ibali. Uze ukhumbule ukujonga umfanekiso omkhulu weVeki yoku-1 oza kuba sisikhokelo. Emva kokufunda ibali, yonwabela ukubuza le mibuzo:

- ★ Bangaphi abantu abaya kuthenga isipho sikaMakhulu?
- ★ Babefuna ukumthengela ntoni uMakhulu ngosuku lwakhe lokuzalwa?
- ★ Zingaphi iibhedi zikaMakhulu?
- ★ Injani imibala yeepatheni ezingoonxantathu nezizizikwere elaphini?
- ★ UKuti wathenga iibhaloni ezintathu ezimthubi. Wathenga zangaphi iibhaloni eziluhlaza?
- ★ Ungathanda ukumthengela ntoni uMakhulu okanye umntu omdala omaziyo ngosuku lwakhe lokuzalwa?



## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- ★ Ncokola nomntwana wakho ngomntu okhethekileyo onosuku lokuzalwa olusondeleyo. Ncedisa umntwana wakho enze ikhadi lomhla wokuzalwa. Cela umntwana wakho azobe ngaphakathi ekhadini umfanekiso wesipho angathanda ukusipha lo mntu ukhethekileyo. Mcele awuhombise umphandle wekhadi.
- ★ Cacisa ukuba ekhadini, sidla ngokubhala: "... endimthandayo" uze uphele ngokuthi "Ngothando ... (negama lakho)."
- ★ Umntwana wakho angakuxelela ukuba yintoni enye afuna uyibhale ekhadini.




## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- ★ Khupha ibali lomfanekiso omkhulu leVeki yoku-1 (*Emariken*). Cela umntwana wakho awuqwalasele kakuhle aze akhangele: uMakhulu omnye, amakhwenkwe ama-2, iibhega ezi-3 nee-orenji ezi-4.
- ★ Jonga ukuba ungawafumana amanye amaqela ezinto ezi-2, izinto ezi-3 nezi-4 emfanekisweni omkhulu.



## Usuku lwesi-4 Imidlalo

Dlalani umdlalo unochela. Jongani imiyalelo echaza indlela yokudlala unochela. Nikonwabele ukudlala kunye!



## Usuku lwesi-5 Imilo, oonobumba namanani

- ★ Jonga ithempleyithi kanobumba. Cela umntwana wakho ukuba azame ukukopa indlela amile ngayo unobumba ngokuthi enze iintshukumo ezinkulu okanye ngokusebenzisa umzimba wakhe.
- ★ Ncedisa umntwana wakho akhe unobumba ngokusebenzisa amagqabi, izinti, iziciko zeebhotile okanye intlama yokudlala.
- ★ Yenza umsebenzi kwithempleyithi kanobumba.




## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuzisa umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.



## Yonke imihla, khumbula:

- ★ Balani ukuyokutsho kwisi-5 ngelixesha niqhwebayo, nimatsha nitsibatsiba kunye nomntwana wakho.
- ★ Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- ★ Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba emntwaneni wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Bendisazi ukuba ungayenza! OKANYE Thatha ixesha lakho, qhubeka ucinge.*



# Isipho sikaMakhulu somhla wokuzalwa

## Ibali eliFundwa ngokuvakalayo

UNeo, uKuti nomama wabo bayokuthenga isipho sikaMakhulu somhla wokuzalwa.

“Jonga! UMakhulu angawathanda lawo, Mama,” utsho uNeo ekhomba amalaphu amathathu axhonyelwe ukuthengiswa emarikeni.

“Ngumbono omhle lowo Neo!” utsho uMama. “Angawabeka kwiibhedi zakhe ezintathu xa wena noKuti niyokuhlala naye efama.”

“Yaye yimibala emithathu ayithandayo,” utsho uNeo.

“Ewe, le inepatheni yoonxantathu iluhlaza, le inepatheni ezizikwere ibomvu, yaye nale inemigca imsobo,” utsho uMama.

“Ndiyayithanda le mibala nam,” utsho uNeo.

“Ndiyazi ukuba uMakhulu angathanda ntoni!” utsho uKuti.

“Intoni?” utsho uNeo.

“Iikhayithi. Thina sobathathu singazibhabhisa ngosuku lwakhe lokuzalwa. Ingasisipho esihle sosuku lokuzalwa!”

“Kuti,” utsho Neo, “Mna noMakhulu asizi kubanalo ixesha lokujikeleza sibhabhisa iikhayithi. Siza kuba nento yokwenza, ukupheka ukutya kosuku lokuzalwa.”

UKuti ukhangeleka ekhathazekile.

“Kambe ke ndicinga ukuba uMakhulu angazithanda iikhayithi. Ndingambhabhisela zonke zontathu ngaxeshanye.”

“Sukugeza,” utsho uNeo.

“Kulungile ke ukuba uyongena kakhulu ukubhabhisa iikhayithi, ngoko ke kutheni singamthengeli iibhaloni uMakhulu ngosuku lwakhe lokuzalwa?” utsho uKuti.

“Ngumbono omhle lowo Kuti,” utsho uMama.

“Kufuneka sizithenge zibe ninzi,” utsho uKuti, “Kubalulekile ukuba neebhaloni ezininzi kusuku lokuzalwa.”

“Kunjalo,” uyavuma uMama. “Siza kuthenga zibe ngaphi Kuti?”

“Masizithenge zonke,” utsho uKuti, “zibe-3 ezimthubi nezi-3 ezimzuba iibhaloni.”

“Kulungile, ziirandi nje ezintathu inye,” utsho uMama.




“Ngoku ke bantwana, masithenge nokutya phambi kokuba sihambe. Le marike ivala ngentsimbi yesi-3. Khawulezani, siza kuthenga ntoni?” utsho uMama.

“Ndiyawathanda e lama-apile ethofi,” utsho uNeo, “awasemnandi nje.”

“Nicinga ukuba singawathengela usuku lokuzalwa lukaMakhulu?”

“Singathengela mna amathathu, amathathu ngakaKuti ze amathathu ibe ngakaMakhulu. Ayingebi kokona kutya kulunge kakhulu ngosuku lokuzalwa?”

“Yaye oko kwakuba yeyona ndlela ilunge kakhulu, yokunigulisa kakhulu ngosuku lokuzalwa lukaMakhulu,” uyahleka uMama.




**Yenza ifreyim yomdlalo unochela:** Yenza ipatheni yefreyim yomdlalo unochela ngetshokhwe phaya phantsi phandle okanye ngaphakathi endlini usebenzise iteyiphu encamathelayo. Ipatheni yenziwe ngezikwere izangqa noonxantathu.

Phosa ilitye elincinane, isetyana, ingxowana yeembotyi, nokuba loluphi uphawu ngaphakathi kwifreyim yokuqala. Ukuba liwa phezu komgca, okanye ngaphandle kwefreyim, ulahlekelwa lithuba lakho lokudlala. Dlulisela uphawu kumdlali olandelayo uze ulinde ithuba lakho elilandelayo.

Ngcileza ngonyawo olunye utsibele kwifreyim yokuqala engenanto, uze emva koko utsibele kuzo zonke ezinye iifreyim ezingenanto. Khumbula ukuyiphepha ifreyim enelitye okanye uophawu lwakho. Apho kukho iifreyim ezisondeleleneyo, yima ngonyawo olunye kwifreyim nganye.


Xa ufika kwifreyim yokugqibela, guquka, ubuye emva apho ubuqale khona. Xa ufika kwakhona kwifreyim enelitye okanye enophawu lwakho luchole, uze ugqibezele ipatheni. Ukuba ugqibe ngaphandle kwempazamo, gqithisa uphawu kumdlali olandelayo. Kwithuba lakho elilandelayo, phosa uphawu kwifreyim elandelayo. Ukuba uyawa, utsibela ngaphandle kwemigca, okanye uqakathe ifreyim okanye uphawu, uyaphoswa lithuba lakho kwaye ufanele ukuphinda kwalo ifreyim kwithuba lakho elilandelayo. Umdlali wokuqala ofike kuqala kwifreyim yokugqibela, uyaphumelela. Omnye umsebenzi eninokuwenza: Zoba ipatheni kanochela kwisiqwengana sephepha. Sebenzisa isiciko sebhotele wenze ngaso uphawu kunye neminwe yakho “utsibe” uphinde “uxhume” usuke kwifreyim uye kwelandelayo.

**Omnye umsebenzi eninokuwenza:** Zoba ipatheni kanochela kwisiqwengana sephepha. Sebenzisa isiciko sebhotele wenze ngaso uphawu kunye neminwe yakho “utsibe” uphinde “uxhume” usuke kwifreyim uye kwelandelayo.



**Itthempleyithi yoonobumba:** Nika umntwana wakho iikhrayoni ezinemibala engafaniyo umcele ukuba azobe unobumba amphindaphinde phakathi kunobumba omkhulu ukuze kuyilwe unobumba womnyama.


Bangazoba izinto ezigxile kwisandi u **u-u-u-u**, umzekelo: iwulu, igubu, uibutulu, umsundululu.



## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Ibali lomfanekiso omkhulu (Efama)


Jongani umfanekiso omkhulu ngenyameko uze ucele umntwana wakho akuxelele akubonayo. Emva koko buza le mibuzo:

- ★ Umntu ngamnye wenza ntoni kulo mfanekiso?
- ★ Ziziphi iindidi ezahlukeneyo zezilwanyana ozibonayo?
- ★ Izama ukwenza ntoni ibhokhwe? Zimi phi iigusha?
- ★ Zingaphi iilamuni/iitapile/amadada/iikati/oopephela obabonayo?
- ★ Ingaba zininzi, zimbalwa okanye ziyalingana: needonki kunye neegusha okanye nekhaphetshu kunye neminqathe?
- ★ Kukho iiapile ezibomvu ezintlanu emthini. Ukuba ezimbini ziyawa, zingaphi eziya kusala emthini?
- ★ Kukho iinkomo ezimbini entsimini. Ukuba umfama uthenga ezinye ezimbini, xa zizonke, ziya kuba ngaphi iinkomo zakhe?



## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- ★ Khuthaza umntwana wakho ukuba azobe umfanekiso wesilwanyana asibonayo emfanekisweni.
- ★ Cela umntwana wakho akuchazele ngomfanekiso wakhe uze ubuze ukuba angathanda ukuba ubhale ntoni na emfanekisweni. Abanye abantwana bangathanda ukuzama 'ukubhala' nokuba into abayibhalileyo ikhangeleka ngathi ngamarhoqololo.




## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- ★ Lo ngumsebenzi othi: "Qashela igama lesilwanyana." Qala ngezilwanyana ezisemfanekisweni omkhulu (uze ucinge ngezinye izilwanyana kamva). Chaza into ngesilwanyana - nika izikhokelo, kodwa ungalixeli igama lesilwanyana.
- ★ Umntwana wakho makaqashele esi silwanyana usichazayo, umzekelo: isilwanyana esihlala efama esisinika ubisi, isilwanyana abantu abasigcina njengesilo-qabane esikhonkothayo, okanye uhlobo lwentaka edada emanzini ithi "kwak, kwak".




## Usuku lwesi-4 Imidlalo

- ★ Dlalani kunye umdlalo wenkukhu. Jongani umdlalo nilandele imiyalelo.
- ★ Ukuba aninalo idayisi ningalenza nisebenzisa ithempleyithi yedayisi yeVeki yoku-1.



## Usuku lwesi-5 Imilo, oonobumba namanani

- ★ Jongani ithempleyithi yenani. Nikanani amathuba okubumba inani ngeminwe yenu emgangathweni, emoyeni, ezandleni zenu, kwimiqolo yenu, edongeni okanye kwisiqu somthi. Ungakwazi ukubumba inani ngozwane lwakho?
- ★ Yenzani lo msebenzi kwithempleyithi yenani.



## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.




## Yonke imihla, khumbula:

- ★ Jonga macala onke uze unike amagama ezinto zonke ozibonayo. Uze umcele umntwana wakho ukuba abale ukuba into nganye uyibona kangaphi.
- ★ Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- ★ Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba emntwaneni wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Ndineqhayiya ngendlela osebenze ngayo namhlanje. OKANYE Uyakhawuleza ukufunda!*





**Umdlalo wenkukhu:** Nika umdlali ngamnye into yokubala, umzekelo: isiciko sebhottle okanye ingqalutyana. Le nto yokubala iza kusebenza “njengentshontsho” labo lenkukhu. Abadlali baza kunikana amathuba okuphosa idayisi baze bahambise into yokubala ngokwenani leebhloko ezisendleleni eya kuMama wenkukhu. Ophumeleleyo kufuneka aphose kuvele inani elichanekileyo eliza kumfikisa kuMama wenkukhu. Umzekelo: ukuba umdlali kufuneka aphose idayisi kuvele isi-3 ukuze afike kwibhloko yokugqibela kodwa kusuke kuvele isis-5, kuza kufuneka ukuba aye phambili ngeebhloko ezi-3 aze aphinde abuye umva ngeebhloko ezi-2. Umdlali okwazileyo ukuphosa kuvele elona nani lilito kwidayisi, nguye ophumetelayo.




Qalisa

Isiphelo

**Ithempheyithi yamanani:** Nika umntwana wakho iikhrayoni ezinemibala engafaniyo umcele ukuba akrwele imigca ngemibala eyahlukileyo ukuze ube nepatheni yomnyama phakathi kwinani.

Beka iitempleyithi yenani apho wonke umntu aza kukwazi ukubona inani elihle nelinemibala yomnyama lomntwana wakhe.



### Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Incwadi encinci (Ukupheka)

Songani amaphepha abe ziincwadi ezincinci nomntwana wakho nibuke imifanekiso kunye. Nantsi eminye yemibuzo onokuyibuza phambi kokufunda iincwadi ezincinci:

- ★ Yenza ntoni intombazana encinane kule mifanekiso?
- ★ Kutheni ucinga ukuba umama wakhe wonwabile?
- ★ Ingaba intombazana encinane ilila kuba ilusizi? Ucinga ukuba ililela ntoni?
- ★ Yeyiphi eyona nto uthanda ukuyenza ekhithshini? Yintoni ongathandiyo ukuyenza ekhithshini?



### Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- ★ Yiba nomfanekiso ngqondweni wokuba uza kwenza isonka esihlohlweyo. Chaza izinto eziza kufuneka xa usenza isonka esihlohlweyo. Cela umntwana wakho ukuba azobe umfanekiso wezinto zonke eziza kufuneka, umzekelo: isonka, ibhotolo, ijam, ibhotolo yamandongomane, imela nepleyiti.
- ★ Buza umntwana wakho ukuba ungazifaka na iileyibheli emfanekisweni.
- ★ Chaza ukuba ungasenza njani isonka esihlohlweyo ulandela amanyathelo.



### Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- ★ Beka imifuno emi-5 etreyini okanye etafileni. Nika umntwana wakho ixesha lokuba ajonge imifuno uze umncedise ukuba anike igama lomfuno ngamnye.
- ★ Ngoku yogquma imifuno ngelaphu. Buza umntwana wakho ukuba angayikhumbula yonke na imifuno ayibonileyo.

**Enye indlela:** Susa umfuno ube mnye kodwa umntwana angaboni ukuba ususe owuphi. Mcele ukuba ajonge imifuno esele etreyini okanye etafileni aze atsho ukuba ngowuphi ongekho.



### Usuku lwesi-4 Imidlalo

- ★ Ninomntwana wakho yenzani ngathi nenza isuphu.
- ★ Qokelelani amagqabi, isanti kunye namatye eniza kuwasebenzisa “njengezithako” okanye sikani imifanekiso kumaphepha ezinto ezithengiswayo ezinokuba zizithako. Ningasebenzisa ibhokisi eyikhadibhodi nenze ngayo isitovu. Nika umntwana wakho isikhongozeli esidala enze imbiza, icephe leplastikhi nemela.
- ★ Nikunye nomntwana, balani izithako, zinqunqeni nizixubele embizeni.
- ★ Xa sele ilungile, yenzani ngathi nonwabile nitya isuphu yenu emnandi.



### Usuku lwesi-5 Imilo, oonobumba namanani

- ★ Jonga ithempleyithi kanobumba. Cela umntwana wakho ukuba azame ukukopa indlela akhiwe ngayo unobumba ngokuthi enze iintshukumo ezinkulu okanye asebenzise umzimba wakhe.
- ★ Angazoba oonobumba ngomnwe wakhe okanye ngoluthi esantini. Usenokuxhumaxhuma alandele imilo ayenzileyo. Mbizele isandi esenziwa ngunobumba umcele ukuba asibize eso sandi ngelixa bebumba unobumba.
- ★ Yenza umsebenzi kwithempleyithi kanobumba.

### IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.



### Yonke imihla, khumbula:

- ★ Xa nityelele ezivenkileni, thetha nomntwana wakho ngendawo okuvela kuyo ukutya. Umzekelo: ubusi luphuma enkomeni, amaqanda avela ezinkukhwini, buze ubusi buvele ezinyosini.
- ★ Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- ★ Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba emntwaneni wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Umsebenzi omhle, uza kakuhle!* OKANYE Kwaza kwamnandi ukwenza izinto nawe!



Ndicela umama wam  
ukuba anqunge  
itswele. Uyazi ukuba  
kutheni ndimcela.



Ndisika ibhathanathi!  
ibe ngamaqhekeza  
angqukuva. Ixolo layo  
lilukhuni. Umphakathi!  
webhathanathi umthubi.



Ndikha isipinashi!  
egadini yethu ndize  
ndisinqunge.



Imingathe kufuneka  
inqunqwe ibe mincinane  
kakhulu. Yiyo loo nto  
ndiyigreyitha ngegreyitha.



Itswele liyandililisa xa  
ndilinqunqayo. Ndiyalisa  
kodwa andikho lusizi.  
Ndiyavuya ndimncedisile  
umama wam.

7

## Ukupheka

Itekisi ithatyathwe kwibali  
elikwiAfrican Storybook



Imizobo nguKathy Arbuckle



Ikota yesi-2 ★ Ibanga R ★ Iveki yesi-5



Ndinceda umama  
ukwenza isidlo  
sangokuhlwa.  
Ndichuba iitapile.

1




Ndinqunqa  
ikhaphetshu.  
Ndizilumkele ngokuba  
imela ibukhali.

2

CC

**Itthempleyithi yoonobumba:** Nika umntwana wakho iikhrayoni ezinemibala engafaniyo umcele ukuba azobe unobumba amphindaphinde phakathi kulaa nobumba mkhulu ukuze kuyilwe unobumba ofana nomnyama.

Bangazoba izinto ezigxile kwisandi u **m-m-m-m**, umzekelo: umama, imela, imengo, imali.



## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Ibali elifundwa ngokuvakalayo (UPendo, inkomo yethu)

Fundela umntwana wakho ibali. Emva kokufunda ibali, yonwabela ukubuza le mibuzo:

- ★ Usakhumbula ukuba ngowuphi owona mfuno uthandwa nguPendo?
- ★ Yintoni enye etyiwa nguPendo?
- ★ Siyakuthanda ukusela ubisi. UPendo yena uthanda ukusela ntoni?
- ★ Wenza ntoni utata kaNdalo ngobisi alufumana kuPendo?
- ★ Kutheni le nto uNdalo engenakuhlala noPendo edlelweni imini yonke?
- ★ Ibhotele yobisi ibiza malini? Wathenga iibhotile ezingaphi umama uGwele?
- ★ Ucinga ukuba uNdalo uyamthanda uPendo?



## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- ★ Buza umntwana wakho ukuba yeyiphi eyona ndawo ayithande kakhulu ebalini. Bakhuthaze bazobe eyona ndawo bayithandileyo ebalini.
- ★ Bacele ukuba bakubalisele ngomfanekiso wabo. Bhala oko bakuthethayo ngomfanekiso wabo.



## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- ★ Cela umntwana wakho ukuba ahlale athi cwaka avale amehlo aze aphulaphule kakuhle. Yenza isandi senkomo inxakama. (Ungazi download-a ezi zandi kwifowuni yakho.)
- ★ Emva kokuba wenze isandi, buza umntwana wakho ukuba ucinga ukuba sisandi santoni eso. Ukuba akaqinisekanga, yenza okanye udlale isandi kwakhona.



## Usuku lwesi-4 Imidlalo

Dlalani kunye imidlalo yokulungelelanisa iimilo nokukhumbula. Jongani umdlalo nilandele imiyalelo.



## Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani

- ★ Jonga ithempleyithi kanobumba. Cela umntwana wakho ukuba azame ukukopa indlela amile ngayo unobumba ngokuthi enze iintshukumo ezinkulu okanye ngokusebenzisa umzimba wabo. Ncedisa umntwana wakho akhe unobumba ngokusebenzisa amagqabi, izinti, iziciko zeebhotile okanye intlama yokudlala.
- ★ Yenza umsebenzi kwithempleyithi kanobumba.




## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.



## Yonke imihla, khumbula:

- ★ Lo gama wena nomntwana wakho nihamba ngeenyawo okanye ngemoto, balani zonke izilwanyana enizibonayo, nize nichaze ukuba zeziphi ezinkulu ibe zeziphi ezincinci. Thethani nangezinye izilwanyana. Umzekelo: Iinkomo zinkulu kodwa iintaka zincinci, iibhokhwe zincinci kuneenkomo kodwa zinkulu kuneentaka.
- ★ Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- ★ Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba emntwaneni wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Qhuba usenza umsebenzi omhle. OKANYE Ndonwabile ukukubona usebenza ngokuzinikela kangaka!*



# uPendo, inkomo yethu

Ibali eliFundwa ngokuvakalayo

Ibali lethu lingenkwenkwe egama linguNdalo kunye nenkomo yakowabo, uPendo. Ngumsebenzi wemihla ngemihla kaNdalo ukuncedisa utata wakhe ekukhathaleleni uPendo phambi kokuya esikolweni nokubuya kwakhe esikolweni.



Qho kusasa, phambi kokuba aye esikolweni uNdalo uthi nqothu-nqothu iminqathe esitiyeni sikatata wakhe atyise uPendo. UPendo uyayithanda iminqathe. “Molo Pendo. Nantsi iminqathe ekramzekayo. Ndiyazi ukuba kokona kutya okuthandayo oku,” utsho uNdalo ephulula intamo kaPendo ethambileyo.

Qho kusasa phambi kokuba aye esikolweni, uNdalo ukhaphelela uPendo edlelweni ukuze atye ingca. “Sala kakuhle Pendo, ndisaya esikolweni ndiza kubuya ndikubone,” utsho uNdalo.

Ukubuya kwakhe esikolweni, uNdalo ulanda uPendo edlelweni. Utata wakhe uxelela uNdalo, “Ilanga ligqatse ubhobhoyi namhlanje, uPendo inokuba womile lunxano. Khumbula ukuba kubalulekile ukumseza amanzi yonke imihla.” Ngoko ke uNdalo useza uPendo amanzi acocekileyo.



Utata kaNdalo usenga uPendo kabini ngemini, kusasa nasemvakwemini. Umpha imbewu yokutya ngeli xesha amsengayo. Akugqiba ukusenga ugalela ubisi kwiibhekile ezincinci olunye alugalele ezibhotileni. Uyaluthengisa olunye.

UNKosikazi Gwele uza kuthenga ubisi. “Molo, ndiyathemba lukhona ubisi lukaPendo olunencasa lwabantwana bam,” utsho.

“Molo nawe, Nkosikazi Gwele. Ewe, lukhona ubisi olutsha. Ingaba ufuna ukuthenga zibe ngaphi iibhotile?” kubuza utata kaNdalo.

“Ndicela zibe mbini,” kutsho uNkosikazi Gwele.

“Iza kuba lishumi leerandi.” UNkosikazi Gwele uhlawula ubisi aze agoduke.


UNdalo nosapho lwakhe lunethamsanqa. Batya imifuno enemphilo abayikha kwisitiya sabo baze basele ubisi olunencasa mihla le.

“Mmmmm, enkosi Pendo ngesondlo ndiza kuhlala ndikukhathalela ngoba nawe undikhathalele,” utsho uNdalo encumile.




**Umdlalo wokulungelelanisa iimilo:** Sika amakhadi uze uwatshofule. Yaba amakhadi uwabeke uwaqubude. Umdlali ngamnye utyhila ikhadi elingaphezulu kwisicuku sakhe alibekhe lijonge phezulu kwisicuku sesibini esiphakathi kwabadlali. Ukuba amakhadi amabini angaphezulu ayafana, umdlali wokuqala ukukhwaza athi, "Thatha!" uthatha zombini izicuku ezijonge phezulu azongeze ngaphantsi kwesakhe isicuku. Umdlalo oqokelele onke amakhadi uphumelele.

**Umdlalo wokukhumbula:** Tshofula amakhadi uze uwabeke aqubude enze imigca ukwakha igridi. Abadlali banikana ithuba lokutyhila amakhadi amabini. Ukuba amakhadi ayafana, umdlali uyawathatha amakhadi awagcine. Ukuba akafani umdlali uyawaqubuda kwakhona aze umdlali olandelayo afumane ithuba lokudlala. Injongo yomdlalo kukufumana zonke izibini zamakhadi. Umdlali onawona makhadi maninzi nguyi ophumeleleyo.



**Itthempleyithi yonobumba:** Nika umntwana wakho iikhrayoni ezinemibala engafaniyo umcele ukuba azobe unobumba amphindaphinde phakathi kulaa nobumba mkhulu ukuze kuyilwe unobumba ofana nomnyama.

Bangazoba izinto ezigxile kwisandi u **s-s-s-s**, umzekelo: isele, isonka, isepha, isambreni.



## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Ibali lomfanekiso omkhulu (Eklinikhi)

Jongani umfanekiso omkhulu ngenyameko uze ucele umntwana wakho akuxelele akubonayo. Emva koko buza le mibuzo:

- ★ Wenza ntoni umfazi onxibe idyasi emhlophe? Ucinga ukuba ungubani?
- ★ Bangaphi abantu abasendlwini yokulindela?
- ★ Yintoni ehleli kufutshane nentombazana phezu kwekhawuntari?
- ★ Kwakutheni ukuze inkwenkwe ifake iminwe yayo ezindlebeni?
- ★ Zingaphi izitulo ezinamavili/iikhompyutha/izinto zokudlala/iibhotile/iikhalenda ozibonayo?
- ★ Ubona iintsana ezininzi okanye ezimbalwa kunabantwana okanye amabhandeji kuneebhokisi?
- ★ Ingaba inkwenkwe enxibe isikhipha esinemigca inde okanye imfutshane kunogqirha?
- ★ Isixelela ntoni iwotshi enkulu?



## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- ★ Xoxa nomntwana wakho ukuba kutheni kubalulekile ukuhlamba izandla zakho nokunxiba imaski.
- ★ Cela umntwana wakho enze ipowusta yosapho lwakho okanye abahlobo benxibe iimaski behlamba izandla zabo.
- ★ Buza umntwana wakho ukuba angathanda ubhale ntoni kwipowusta.
- ★ Xhoma ipowusta edongeni aze umntwana wakho acele wonke umntu ukuba ayifunde ukuzikhumbuza ukuba yeyiphi imithetho yokhuseleko abafanele ukuba bayilandele.



## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- ★ Cela umntwana wakho ukuba ajonge kakuhle umfanekiso omkhulu (Eklinikhi) ukuze afumane izinto ezinesandi u **b-b-b-b** (abantu, abantwana, isibane).
- ★ Ngoku fumana izinto ezigxile kwisandi u **mmmm** (umama, umlomo).
- ★ Cela umntwana akhangele isikhafu, izihlangu nentonga emfanekisweni uze umbuze ukuba sesiphi isandi asivayo.
- ★ Khangela ezinye izinto emfanekisweni utsho ukuba zigxile kwesiphi isandi.



## Usuku lwesi-4 Imidlalo

- ★ Dlalani umdlalo wokubala. Biza naliphi na inani phakathi ko-1 no-5 uze ucele umntwana wakho enze intshukumo engangelo nani, umzekelo: qhwaba ka-4, xhuma ka-2, khomba ngeminwe emi-3.
- ★ Nika umntwana wakho ithuba lokuba abize la manani uze wena wenze intshukumo. Zama ukucinga ngeentshukumo ezininzi ezahlukeneyo kangangoko uze uwaxube amanani owabizayo.



## Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani

- ★ Jonga ithempleyithi yepatheni yeemilo.
- ★ Usebenzisa iikhrayoni okanye iipensile eziyimibalabala, landela imiyalelo ekwithempleyithi.



## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.



## Yonke imihla, khumbula:

- ★ Ninomntwana wakho, balani uye kufika ku-10 xa nihlamba izandla. Uze uqale ukubala kwakhona ku-1 ukuya ku-10 nide nigqibe ukuhlamba izandla zenu.
- ★ Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zokubala.
- ★ Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba emntwaneni wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Ndiyayithanda into oyenzileyo! OKANYE Wenze umsebenzi oncomekayo, ubukonwabele ukwenza loo nto?*



























**Ithempleyithi yeepatheni zeemilo:** Faka imibala kwiimilo uphindaphinde ipatheni. Landela imiyalelo ngezantsi.

Umqolo woku-1: Hlikihla ngombala obomvu isangqa sokuqala, ozuba kwisangqa sesibini, obomvu kwesesithathu, ozuba kwesesine. Qhubekeka nale patheni ude ufike ekupheleni komqolo.

Umqolo wesi-2: Hlikihla ngombala otyheli kwisikwere sokuqala, oluhlaza kwesesibini, omthubi kwesesithathu, oluhlaza kwesesine. Qhubekeka nale patheni ude ufike ekupheleni komqolo.

Umqolo wesi-3: Hlikihla ngombala omthubi kunxantathu wokuqala, obomvu kowesibini, omthubi kwowesithathu, obomvu kowesine. Qhubekeka nale patheni ude ufike ekupheleni komqolo.

Cela umntwana wakho achaze ipatheni eyenziweyo.

### Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Incwadi encinci (Ndim lo)

Songani eli phepha libe yincwadi encinci nomntwana wakho nibuke imifanekiso kunye. Nantsi eminye yemibuzo onokuyibuza phambi kokufunda iincwadi ezincinci:

- ★ Ungakhumbula ukuba umhla wokuzalwa kwakho unini?
- ★ Ingaba kukuphi okona kutya ukuthandayo?
- ★ Mingaphi iminwe onayo kwisandla ngasinye? Mingaphi iminwe onayo xa iphelele?
- ★ Yeyiphi imidlalo othanda ukuyidlala nabahlobo bakho?



### Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- ★ Cela umntwana wakho ukuba azobe umfanekiso wakhe. Mkhuthaze ukuba azobe umhlaba ami kuwo ngokunjalo neenkukacha emzimbeni wakhe ezinjengeendlebe, amashiya iinwele, iminwe nempahla.



- ★ Mcele akuchazele ngomzobo wakhe nokuba angathanda na ukubhala into ngawo.
- ★ Makazame ukubhala igama lakhe emfanekisweni.

### Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- ★ Xelela umntwana wakho ukuba uza kuthetha izinto eziyinyaniso nezingeyonyaniso ngomzimba wakho.
- ★ Umntwana wakho makaqhwebane kabini xa uthetha into eyinyaniso, ze kuthi xa uthetha into engeyonyaniso angaqhwabi. Umzekelo: ndinamashiya amabini (qhwaba kabini); ndineempumlo ezimbini (awuqhwabi); ndinendlebe enye (awuqhwabi); ndinomlomo omnye (qhawaba kabini); ndineengalo ezintathu (awuqhwabi); ndinamehlo amabini (qhwaba kabini); iinwele zam ziluhlaza (awuqhwabi).
- ★ Nika umntwana wakho ithuba lokucinga izinto amakazithethe.



### Usuku lwesi-4 Imidlalo

Dlalani umdlalo wenyoka woonobumba kunye nomntwana. Jongani umdlalo nize nilandele imiyalelo.



### Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani

- ★ Jongani ithempleyithi yenani. Nikanani amathuba okubumba inani ngomnwe wenu emgangathweni, emoyeni, esandleni senu, kwimiqolo yenu, edongeni okanye kwisiqo somthi. Ungakwazi ukubumba inani ngozwane lwakho?
- ★ Yenzani lo msebenzi kwithempleyithi yenani.



### IRekhodi yemisebenzi

Cela umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.



### Yonke imihla, khumbula:

- ★ Thetha ngemo yezulu ucele umntwana wakho ukuba ajonge phandle akuxelele into ayibonayo. Umzekelo: *Ukhona umoya? Akhona amafu? Uyalibona ilanga?*
- ★ Chaza iintsuku zeveki uze uzibale.
- ★ Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- ★ Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba emntwaneni wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Cinga ngakumbi ... Ndiyazi ungakwazi ukuyenza! OKANYE Uyenza kakuhle loo nto!*



9

Ndikwazi kakuhle ukutsibatsiba. Nditlanda ukutsibatsiba nabahlobo bam. Wena uthanda ukwenza ntoni?



5

Ukuya endikuthandayo yintlanzi neetshipshi. Nditlanda ukuzithi nkxu kwisosi yetumato itshipshi zam – mh ... azimnandi!



7

Ndikwibanga R kwaye ndineminyaka emihlanu. Umhla wokuzalwa kwam ungoSeptemba, unini owakho?



3

Nanku umfanekiso wosapho lwam. Ungakwazi ukubala ukuba sibangaphi?



Ndiyakwazi ukukhumbula inombolo yeselfowuni kaMama. Ngu 079 523 3255. Uyayazi inombolo yeselfowuni yomnye umntu?

7

### Ndim lo

Itekisi ithatyathwe kwibali elikwiAfrican Storybook



Imizobo nguMagriet Brink noLeo Daly



Ikota yesi-2 ★ Ibanga R ★ Iveki yesi-8



Yifoto yam le.

1




Ngumzobo wesandla sam sasekhohlo lo.

2



**Umdlalo wehyoka woonobumba:** Phosa idayisi. Hambisa into yakho yokubala kangangezithuba zenani elivezwe lidayisi lakho. Ukuba ume kunobumba, biza isandi uze uhambise into yakho yokubala uyise phambili kumfanekiso oqala ngalo nobumba. Ukuba ufike emfanekisweni, hambisa into yakho yokubala ubuye umva ufanise umfanekiso nonobumba. Umdlali ofike kuqala ekupheleni, nguye ophumeleleyo.


Qalisa



Isiphelo

**Ithempleyithi yamanani:** Nika umntwana wakho iikhrayoni ezinemibala engafaniyo uze umcele ukuba azalise ithempleyithi yamanani ngezangqa ezinemibala engafaniyo.

Zibeke ithempleyithi ukuze wonke umntu akwazi ukubona umsebenzi omhle womntwana wakhe.



**Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Ibali elifundwa ngokuvakalayo (Inde kangakanani idayinaso yakho?)**

Fundela umntwana wakho ibali. Khumbula ukujonga izikhokelo kumfanekiso omkhulu weVeki yesi-7. Emva kokufunda ibali, yonwabela ukubuza le mibuzo:

- ★ Kutheni uNeo eseklinikhi nje?
- ★ Kutheni idayinaso yakhe ingafuni ukumetwa?
- ★ Sesiphi isilwanyana esisesona sifutshane okanye esisesona side, yidayinaso okanye yindlovu?
- ★ Ngubani oyena mntu mfutshane kusapho lukaNeo? Ngubani oyena mntu mde ekhaya ze ibe ngubani oyena mfutshane?
- ★ Zingaphi idayinaso anazo uNeo kokwabo?
- ★ Yintoni ethethwe ngugqirha eyenze ukuba uNeo ahleke?



**Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala**

- ★ Khuthaza umntwana wakho ukuba azobe eyona nto yakhe yokudlala ayithandayo okanye anokuthanda ukuba nayo.
- ★ Makazame ukubhala igama lakhe kumzobo wakhe.



**Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela**

- ★ Chazela umntwana wakho idayinaso uze umcele ukuba azobe le nto uyichazayo. Umzekelo: umzimba omkhulu, intamo ende, imilenze emine, umsila obukhali.
- ★ Khawukhe umcele ukuba achaze idayinaso eyahlukileyo. Landela imiyalelo yakhe uze uzobe le nto ayichazayo.



**Usuku lwesi-4 Imidlalo**

Dlalani imidlalo yokulandelelanisa amanani nokukhumbula. Jongani imidlalo nilandele imiyalelo.



**Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani**

- ★ Jongani ithempleyithi yepatheni yeemilo.
- ★ Usebenzisa iikhrayoni okanye iipensile eziyimibalabala, landela imiyalelo ekwithempleyithi.




**IRekhodi yemisebenzi**

Khumbuzwa umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.



**Yonke imihla, khumbula:**

- ★ Khangela iimilo ezahlukeneyo xa usendleleni okanye xa ungaphandle apha naphaya (izangqa, oonxantathu neemilo ezisikwere). Umzekelo: isonka esihlohlweyo, ifestile, ipleyiti, uphawu lwendlela.
- ★ Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- ★ Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba emntwaneni wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Ukrelekrele! Wenze kakuhle kakhulu!* OKANYE Le *iyonwabisa, akunjalo?*



# Inde kangakanani idayinaso yakho?

## Ibali eliFundwa ngokuvakalayo

UNeo uselinikhi.

“Masibone ukuba mde kangakanani,” utsho ugqirha kuNeo. “Ndifuna ukuqiniseka ukuba ukhula kakuhle.”  
“Yiza ngapha,” utsho, eme kufutshane netshathi elinganisa ukuba abantu bade kangakanani na. “Ungeza nedayinaso yakho.”

“Kulungile,” utsho uNeo, kodwa akasondeli etshathini. Ugqirha uyalinda.

“Idayinaso yam ayifuni kuza ngapho,” utsho uNeo. “Yoyika indlovu. Ithi indlovu sesona silwanyana side eyakha yasibona.”

“Owu,” utsho ugqirha, “Kulungile akunyanzelekanga ukuba ize, ingahlala apho.

“Ayifuni ukuba ndiyishiye,” utsho uNeo.

“Unganceda uxelele idayinaso yakho ukuba ndifuna ukuyimeta nayo. Ndifuna ukuqinisekisa ukuba nayo ikhula kakuhle.”

“Ithi isesona silwanyana sifutshane apha yaye ukuba iza ngapho, indlovu ingayinyathela ngengozi.”

“Nceda yixelele ukuba ndingoyena mntu mde apha eklinikhi ndaye ndiza kuqinisekisa ukuba indlovu ayiyinyatheli,” utsho ugqirha.

“Kulungile,” utsho uNeo.

Ngoko ke uNeo, ugqirha nedayinaso kaNeo baya etshathini ukuze babone ukuba uNeo nedayinaso yakhe bade kangakanani na.

“Kuhle ke,” utsho ugqirha, “ukhula kakuhle Neo, umde kunokuba wawunjalo kwixesha elidlulileyo.”

“Ngumhlola ke lowo” uNeo uyahleka, kuba ndingoyena mntu mfutshane ekhaya.”

“Unokuba unosapho lwabantu abade,” utsho ugqirha.

“Yaye idayinaso yam yeyona dayinaso imfutshane ekhaya,” utsho uNeo, ezinye zinkulu kakhulu!”

“Uneedayinaso ezininzi ekhaya?” uyabuza ugqirha emangalisiwe.

“Ndinosapho lonke lwazo,” utsho uNeo.


“Kukho ezimbini ezinde, nezintathu ezimfutshane.”

“Owu,” utsho ugqirha, “inokuba ziyonwabisa.”

“Ewe,” utsho uNeo. “Le dayinaso yeyona imfutshane, kodwa inomsila omde. Ngowona msila mde kusapho.”

“Yaye ngonjani wona umsila ukuba mhle nokuba mde,” utsho ugqirha, “uphantse wamde wafana nowam!”

UNeo nedayinaso yakhe bayahleka. Onje ukugeza ugqirha!



**Umdlalo wokungelelanisa iimito:** Sika amakhadi uze uwatshofule. Yaba amakhadi uwabeke uwaqubude. Umdlali ngamnye utyhila ikhadi elingaphezulu kwisicuku sakhe alibekhe lijonge phezulu kwisicuku sesibini esiphakathi kwabadlali. Ukuba amakhadi amabini angaphezulu ayafana, umdlali wokuqala ukukhwaza athi, "Thatha!" uthatha zombini izicuku ezijonge phezulu azongeze ngaphantsi kwesakhe isicuku. Umdlalo oqokelele onke amakhadi uphumelele.

**Umdlalo wokukhumbula:** Tshofula amakhadi uze uwabeke aqubude enze imigca ukwakha igridi. Abadlali banikana ithuba lokutyhila amakhadi amabini. Ukuba amakhadi ayafana, umdlali uyawathatha amakhadi awagcine. Ukuba akafani umdlali uyawaqubuda kwakhona aze umdlali olandelayo afumane ithuba lokudlala. Injongo yomdlalo kukufumana zonke izibini zamakhadi. Umdlali onawona makhadi maninzi nguy ephumeleleyo.



1	2	3	4	5
1	2	3	4	5
1	2	3	4	5
1	2	3	4	5

**Ithempleyithi yeepatheni zeemilo:** Faka imibala kwiimilo uphindaphinde ipatheni. Landela imiyalelo ngezantsi.

























Umqolo woku-1: Hlikihla ngombala obomvu kunxantathu wokuqala, ozuba kwisikwere sokuqala, obomvu kunxantathu wesibini, ozuba kwisikwere sesibini. Ngoko ke bonke oonxantathu babomvu yaye zonke izikwere zizuba. Qhubekeka nale patheni ude ufike ekupheleni komqolo.

Umqolo wesi-2: Hlikihla ngombala omthubi kwisangqa sokuqala, oluhlaza kunxantathu wokuqala, omthubi kwisangqa sesibini, oluhlaza kunxantathu wesibini. Qhubekeka nale patheni ude ufike ekupheleni komqolo.

Umqolo wesi-3: Hlikihla ngombala ozuba kwisikwere sokuqala, obomvu kwisangqa sokuqala, ozuba kwisikwere sesibini, obomvu kwisangqa sesibini.

Qhubekeka nale patheni ude ufike ekupheleni komqolo. Cela umntwana wakho achaze ipatheni eyenziweyo. Sika iimilo zibe ngamakhadi amancinci uze uzixubaxube wenze iipatheni ezahlukeneyo.



# IRekhodi yemisebenzi

Titshala endiMthandayo

Nantsi irekhodi yokufunda kwethu kunye. Sinqwenela ukukwazisa ukuba: \_\_\_\_\_

Ukususela: \_\_\_\_\_ (Bazali nabagcini-bantwana, nceda thetha nomntwana wakho uze ubhale ingxelo yakho ngasentla.)

Iveki	Usuku loku-1 Ixesha lamabali	Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala	Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela	Usuku lwesi-4 Imidlalo	Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani
yoku-1	1	2	3	4	5
yesi-2	1	2	3	4	5
yesi-3	1	2	3	4	5
yesi-4	1	2	3	4	5
yesi-5	1	2	3	4	5
yesi-6	1	2	3	4	5
yesi-7	1	2	3	4	5
yesi-8	1	2	3	4	5
yesi-9	1	2	3	4	5